

PULA IMVULA

GROWING FOOD • PEOPLE • PROSPERITY



IMPAMBANO KAMATSHI

Beka iliso lakho kwisityalo

UKUGINA ISITYALO SAKHO SOMBONA SISINGISE KWICALA ELILUNGILEYO NGEXESHA LOKUKHULA KWEZITYALO KUNGABA NGUMMINGENI NJENGOKO KUSOLOKO KUKUNINZI OKWENZEKAYO, KANTI NEXESHA LAKHO ALILININZANGA. KUBALULEKILE UKUBA NESICWANGCISO SAMANYATHETO ESICACILEYO. UKUBA IZINTO AZIHAMBI NGOKWESICWANGCISO, FUTHI KUBA NJALO NQO KWIHLABATHI LOKUFAMA, KUDINGEKE KE UKUBA SIYE 'KWIMO YOLAWULO LWEENTLEKELE'.

Okuninzi malunga nobungcali bokufama kuxhomekeke kwisakhono sakho sokuphatha nokulawula uxinzelelo. URudyard Kipling uthi kumbongo



UGavin Mathews, Ingcali
kuLawulo lokusingqongileyo.
Thumela i-imeyili apha
gavmat@gmail.com

wakhe wodumo othi: 'IF/UKUBA': 'ukuba unokugcina intloko yakho icinga kakuhle xa bonke abasondele kuwe belahlekelwa zezabo futhi betyholo wena ... uya kuba yindoda nyana wam' Mandithi, Ndicinga ukuba singathi: 'Ukuba unokugcina intloko yakho isebenza kakuhle naxa kukho ingxushungxushu – uya kuba ngumlimi olungileyo.'



Impambano kamatshi...

AMAZWI AVELA... kuDu Toit van der Westhuizen

NGABA UKHONA ONOKUKHOLELWA UKUBA IKOTA YOKUQALA YALO NYAKA SEYIZA KUPHELA? NGATHI SIGQIBE UKUTYALÀ KWIVEKI EDLULILEYO KODWA ISITYALO SASEHLOTYENI SESISIYA NGOKUVUTHWA. IXESHA LOKULIMA ELIDLULILEYO BELINEZITHONGA NGENENE KUBA SIFUMENE IMVULA ENTLE KUMAPHONDO AMANINZI, FUTHI IBINGEYOMOZULU YEZHONGA KUPHELA KODWA IIMEKO ZOKUSEBENZA NAZO BEZINZIMA.

Phofu akothusi ukuba naxa ezinye iindawo bezinembalela ezinye bezinezikhukula na? Ngenxa yoko abanye abalimi khange bakwazi ukulima ngenxa yembalela okanye imvula efike emva kwexesha kant abanye abalimanga ngenxa yezikhukula. Kwabo bazame ukulima kangangoko banakho ngenene kunye nabo basebenze kwiyyure ezinde kakhulu ... nisebenze kakuhle kakhulu!

Zenincede balimi, ningacingi ukuba xa nigqibile ukufaka umaleko wangaphezulu nokutshiza amasimi ukwenzela ukhula oko kuthetha ukuba sekuphelile ngoko ke ningaphumla. Icebiso lam kubalimi kukuba njengomlimi ufanele ukushiya uphawu lonyawo lwakho emasimini akho yonke imihla. Khumbula, ukuba ngenxa yemvula entle abaninzi bethu bebenamasimi akhangeleka njengeparadesi, kodwa uze ungalibali ukuba iparadesi nganye inenyoka yayo.

Thattha ixesha lakho, uhamba-hamba phakathi kwezityalo, uhlola izifo nezidalwa ezonakalisa izityalo. Xa uhamba-hamba phakathi kwamasimi akho zama ukuchonga amabala asemasimini apho indawo ethile yahlu-kayo kwenye esecaleni layo kuba ngokwenza njalo uya kubona ukuba zeziphi iindawo zentsimi yakho ezineengxaki. Emva kokuvuna ungathatha iisampulu zomhlaba kuloo mabala futhi wongeze nangantoni efunkaylo apho. Kumnandi ukufumana imvula eninzi kodwa ngelishwa izidalwa ezonakalisa izityalo ziza nemvula nazo. Zibeke phambili iinombolo zefowuni zabameli bakho beekhemikhali zokutshabalala ukhula nezezidalwa ezonakalisa izityalo uze uncede ungathandabuzi ukuqhagamshelana nezi ngcaphephe. Khumbula, ukuba unakho ukukwenza konke ngokugqibileyo xa usebenzisa isichumiso esisesona sifanelekileyo, eyona mbewu ifanelekileyo nangezona trektara zifanelekileyo kodwa xa ungasitshizi isityalo sakho kuselithuba naxa ungalutshabalali ukhula olukhula mva ngokunjalo nezidalwa ezonakalisa izityalo, konke kuya kuba lilize.

Esona sichumiso siphambili onokusini ka isityalo sakho kweli banga kukuba ube khona emasimini akho. Yonwabela ubuhle bokusebenza kwakho nzima kwaye isivuno sakho siya kuba sikhulu kangako! Beka uphawu lonyawo lwakho emasimini akho.

Ndibulisile
Ntate Thabo

Kwinyanga kaMatshi kungenzeka kubekho ingxushungxushu, kanti ngeli xesa lonyaka isuka ifike ngeendlela ezimbawla ezahluka-hlukileyo. Isenokuba sisifo, umngundo, izidalwa ezonakalisa izityalo okanye naliphi inani lezinye iingxaki ezinokubaho. Isitshixo esikhokelela ekutshatyalilisweni kwezi ngxaki kukugcina intloko yakho isebezena kakuhle kwaye uhlangabezane nombandela ngamnye onokuthi uvele. Khumbula, ukuba ungenza kuphela kangangoko unokwenza kusuku ngalunye. Ngoko ke, kubalulekile ukulilawula kakuhle ixesha lakho naxa usombulula ingxaki, kwenze oko ngokupheleleyo uwuqoshelise umsebenzi.

INDLELA YOKULAWULA IXESHA NGAMAXESHA ENTLEKELE

Uthintelo lubhetele kunonyango, lowo ngumthetho afanele ukuba umntu asoloko ezama ukuphila ngawo. Nangona kunjalo, zikhe zenzeke izinto esingakwaziyo ukusoloko sizicingela kwangaphambili ezifana nohlaselo loMbungu oHlasela njengoMkhosi olwenzeke ngo-2016 kuzo zonke iindawo ekulinywa kuzo umbona eMzantsi Afrika kanti lusaqhuba ngokuba yingxaki ngamnye amaxesha. Abalimi abakwazileyo ukulawula olu hlaselo ngempumelelo ngabo bebeqwalasela amasimi abo ngenkuthalo baze bakwazi ukulufumanisa uhlaselko kwangoko.

Uqwaliaselo iuyinxeneb ebaluleke kakhulu yokuthomalalisa naluphi uhlolo lohlaselo olunokwenzeka kwizityalo zakho. Hlola amasimi akho ngenkuthalo futhi ngocoselelo. Ungenzo isiggibo soqwalaselo Iweveki nganye apho uzinika ixesha lokuma ukuze uqwaliaselo onke amasimi akho ngenjongo yokuhlol inkqubela nempilo yawo. Jonga amaggabi, qiniseka ukuba asempilweni kwaye awanarusi nokuthi anebala elihle. Qwalasela



Jonga amaggabi, qiniseka ukuba asempilweni kwaye awanarusi nokuthi anebala elihle.



izikhondo zesityalo ukususela phezulu ukuya ezantsi. Jonga nakuphi ukonakala okwenziwe zizidalwa ezonakalisa izityalo. Ukuba isityalo senza izikhwebu unakho ukuhlola inkqubela yomvumvuzelo. Ukuba konke kubukeka kucacile kwaye kusempilweni qiniseka ukuba ukuqwalasela rhoqo njengoko izinto zinokusuka zenzeke ngesiquphe!



Into ebalulekileyo efanele ukukhunjulwa xa kusenzeka intlekeli kukuba ukutatazela nengxushungxushu azizange zasombulula naziphi iingxaki, ngoko ke musa ukuba nediyudu.



Into ebalulekileyo efanele ukukhunjulwa xa kusenzeka intlekeli kukuba ukutatazela nengxushungxushu azizange zasombulula naziphi iingxaki, ngoko ke musa ukuba nediyudu. Zama ukuphola entloko ukuze ucinge ngokuqaphela futhi kumanyathelo akho ukwazi ukwenza izigqibo. Okokuqala, umntu makayichonge ngokuchanekileyo ingxaki kanti xa unga-qinisekanga kubhetele ucele icebiso kumlimi oyingcali okanye onolwazi olutyebileyo nomthembileyo. Ngenxa yokuba sekukho ubuchwepheshe banamhla kunyenofikelelo kwi-intanethi, sekuya ngokuba lula ukuchonga izifo nezidalwa ezonakalisa izityalo, njalo njalo. Kaloku kukhuselekile ukufuna uluwo lwestibini kude kube lolwesithathu.

Okulandelayo kukuba uhlole ubunzulu bomonakalo okanye uhlasel. Ukuba ulichule lokuhlola isityalo sakho kangangokuba uyakwazi ukukhawuleza uwubone umonakalo ingekafiki ingxaki kumanqanaba angalawulekiyo. Wakuba uqinisekile ukuba yintoni ingxaki – nokuthi ingakanani ingxaki esentsimini yakho – ufanele ke ngoko ukiza nescwangciso sokutshabalalisa umbandela oyinkathazo. Kaninzi kuya kubakho uhlolo

Iwekhemikhali yokulawula ingxaki ono-kusebenzisela ukulwa utshaba – kodwa ukusebenzisa imveliso echanekileyo kubalulekile! Zidibanise nommeli wakho weekhemikhali ukuze akuniicebiso oza kuqunisekisa ukuba uyilandela ngokuchanekileyo inkqubo akuniika yona.

Khumbula ukuba ekugqibeleni uzama ukunciphisa ilahleko yemali ngenxa yelahleko enokubakho yesivuno xa uthe wayiyeka yakhula ingxaki ngaphandle kwesisombululo. Ukuba isityalo sakho side kakhulu akungeneki phakathi kwaso ngetrektara eqhelekileyo enesitshizi eso-luliweyo, kuya kufuneka ukuba ujunge ezinye iindlela onokuzisebenzisa ezifana nokukhontraktha isitshizi esikwaziyo ukufikelela phezulu okanye isitshiza isityalo ukususela phezulu emoyeni ukuze wensiwe umsebenzi. Oku kungaba neendleko eziphezulu, kodwa njengoko besendiftshilo, khumbula ukuba iindleko zakho zomonakalo ngokubanzizya kuba phezulu kakhulu xa uyiye kaingasonjululwanga ingxaki.

ELOKUGQIBELA

Ukuhlola isityalo ngomsebenzi obalulekileyo ofanele ukwenziwa, kwaye mhle umvuzo wako. Kunakho ukukunika ixesha lokujonga emva nokwenza isicwangciso sexesha lokulima ekuyiwa kulo. Lonwabele eli xesha olichithela ekuqwalaseleni izityalo zakho ngokunjalo ubek' iliso kwinkqubela yazo. Gcina ibhutsi zakho zimdaka nengqondo yakho icinga cacileyo! ■



You know you are on the road to success if you would do your job, and not be paid for it.

~ OPRAH WINFREY



Yintoni INCWADI YEZEHLO ZEDIZILI nokusebenza kwayo

ABALIMI BEZTYALO EZIZIINKOZO NABEMIGAQO YANAMHLA YOKUSETYENZISWA KOOMATSHI-NI KUNYE NEZHUTHI EZISEBENZISA IDIZILI YEZIXA EZIPHEZULU OKANYE EZITHANDE UKUBA PHANTSİ NGOKUXHOMEKEKA KUBUKHULU BENDAWO EYIFAMA. IIORI EZITHUTHA IMPAHLA, IIVENI ZE-4X4, IIJENEREYITHA, IIIMPOMPO ZONKCENKCESHO NABO BONKE ABANYE OOMATSHINI ABAQHUTYWA NGEDIZILI BONGEZA KWIDIZILI ESETYENZISWA KWITREKTARA OKANYE KWIZIGANEKO EZININZI KWIQELA LEETREKTARA.

ISIXA NOLAWULO LOKUSETYENZISWA KWEDIZILI

Masiqikelele ukuba umyinge wesixa owusebenzisela izityalo ngonyaka ngehektare umalunga neelitha ezingama-70 ngehektare. Esi sixa sinokuba phezulu kakhulu okanye sithande ukuba phantsi ngokuxhomekeka kubukhulu beekhilowati zetrekta nobubanzi obuzotyiweyo boomatshini kune nezakhono zeenjini kanti uluhlu luyahluka-hluka kuxhomekeka ekubeni ingaba usebenzisa umatshini ngokuphelela kwavo okanye usebenzisa inkqubo yokuhlakula eyiyona incinane emsebenzini wakho.

Inggiqo engasentla ke ngoko ichaza inkcitho ye-R1 155 ngehektare ngedizili. Idizili iphelele esetyenziswayo neendleko zokulinywa kwezityalo nge-thuba lonyaka kwiindawo ezahluka-hlukileyo kuboniswa kwi**Theyibhile 1**.

Khangela ukuba yeyiphi imida yomsebenzi wakho wokulima nobukhulu befama obuhambelana netshati. Isixa siphelele sedizili esetyenziswa zizo zonke ezinye izithuthi noomatshini abafefama mabafakelwe kwi**Theyibhile 1** ukuze kubalwe iindleko zenene zonyaka zedizili iphelele.

IIMBUYEKEZO ZEDIZILI ZASESARS

Kwaqaliswa ngenkubo yembuyekezo yedizili ukuze kuncedwe abalimi ngokwasemalini kune namanye amashishini ngenjongo yokukhuthaza icandelo elisentloko lokulinywa kokutya. Ezi ntlawulo zembuyekezo malunga nokusetyenziswa kwedizili zitsalwa kwirhafu yamafutha okubasela ngokubanzi nemalunga ne-R3,40 ngelitha. Imbuyekezo ibalwa phezu kwe

Inqaku linikelwe ngumlimi othathe umhlala-phantsi



40% yerhafu yamafutha okubasela ngokubanzi nephantse ukulingana ne-R1,35 ngelitha. Ngama 80% kuphela edizili efumaneka 'njengefaneleki-leyo' nenokusetyenziswa emsebenzini wokufama njengesiseko sokubalwa kwembuyekezo. Idizili 'efanelekileyo' iya kuba ngamafutha okubasela kuphela asetyenziswa ngokungqalileyo ngeenjongo zomsebenzi wokulima.

Ukusebenzisa iTheyibhile 1 njengesalathiso, izixa zembuyekezo ezinokubangwa zingajongwa kwi**Theyibhile 2**.

Umlimi unakho ukwenza isiqibo ngokwe*Theyibhile 2*, ukuba leliphi ibanga lexabiso apho kubaluleke okanye kunobulumko khona ukulandela inkqubo yobhaliso kwiSARS ukuze ube nemfanelo yembuyekezo. Linini ixesha elisebenziseka ekugcinweni kweengxelo nasemisebenzini yeofisi ukuze ufake ibango elisebenzayo eSARS.

IIMFUNeko ZESARS ZOKUBA NEMFANELO

Imbuyekezo yedizili inikwa ngokusebenzisa inkqubo yokuqokelewa kwe-VAT ngoko ke abalimi bafanele ukubhaliselwa iVAT ukuze babe nemfanelo, (ifomu 101 yeVAT). Xa umlimi ebhalisele iVAT unakho ukufaka isicelo soku-bhaliselwa inkqubo yokubuyekezwa kwedizili ngokuzalisa ifomu ye-101D yesicelo sobhaliso. Nceda uqwalasele iwebhusayithi yeSARS ngazo zonke iinkcukacha zeemfuneko ukuze ube nemfanelo yokungasentla. Lwakuba lwamkelele ubhaliso, kufakwa ibango lembuyekezo yedizili ekhatshwa zizixa zokuyisebenzisa kwakho ngendlela ekboniswe ngayo ngasentla, kwifomu yeVAT i-201 yokubuyisa. Oku kungenziva ngenyanga nganye okanye qho kwiinyanga ezintandathu kuxhomekeka kwiimeko zakho zobhaliso.

Abalimi abaninzi bakhetha ukuba nenqubo yolawulo lokuqwalasela ukusetyenziswa kwedizili yabo ngokusebenzisa iirisithi zokusiva kwayo neeinvoysi ezihlawulweyo ngokugcina zonke iinkcukacha zencwadi yeze-hlo zako konke ukusiwa kwayo kwiitanki zolondolozo eisentloko ngoku-jalo nokusetyenziswa kwayo yitrekta nganye, iiiori neeLDV.

Oku kujika kube sisibophelelo kanti iSARS yamkela kuphela iinkqubo zoqwalaseloe zibhaliwe ngesandla okanye nge-khompyutha nezifanele ukuba phantsi kokuhlolwa. Nangona iSARS izamkela izixa ezibhalwe kwifomu yeVAT 201 kwi-eFil-ing, usenokufakwa kuphico-tho-zincwadi olunzulu yiSARS nangelihi ixesha. Ukulondo-lowza kwedizili nokuyisebe-

1 *Idizili iphelele esetyenziswayo neendleko zokulinywa kwezityalo ngethuba lonyaka.*

Indawo yezityalo (lihektare)	Ukusetyenziswa kweelitha/ngehektare	Ukusetyenziswa kweelitha ziphelele	Ixabiso ledizili ngelitha	Iindleko ziphe-lele zokufama
100	70	7 000	R16,50	R115 700
250	70	17 500	R16,50	R288 750
500	70	35 000	R16,50	R577 500
1 000	70	70 000	R16,50	R1 157 000
2 000	70	140 000	R16,50	R2 310 000

2 *Izixa zembuyekezo ezinokubangwa.*

Indawo yesityalo ngeehektare	Ukusetyenziswa kweelitha ziphelele	Ukusetyenziswa kwedizili efanelekileyo i-90% yepheleleyo	Ukusetyenziswa kwedizili engafelekanga	Ukusetyenziswa kwe 80% yedizili efanelekileyo	Ibanglo le-R1,35 ngelitha
100	7 000	6 300	700	5 040	R6 804
250	17 500	15 750	1 750	12 600	R17 010
500	35 000	31 500	3 500	25 200	R34 020
1 000	70 000	63 000	7 000	50 400	R68 040
2 000	140 000	126 000	14 000	100 800	R136 080

3

Umzekelo wencwadi yabalimi yezezho zokugcinwa kwedizili.

Inkazo			Inani		Ifama
Uvimba ongundoqo wokugcinwa kwedizili			1		Ifama iWilgedraai
Okufundwe xa kuvulwa – ipali yeemitha okanye isikali ngokwekhompyutha					lirisithi/i-invoyisi yokuthenga
Impahla	Umhla	Intsalela ekuvalwa ngayo (iilitha)	Iqumrhu elithengisayo	Umhla	Inombolo yeinvoysi
1	2020-02-01	12 500	yISASOL	2020-02-11	S23456
2		14 410			
3		14 210			
4		14 145			
5		14 070			
6		14 025			
Isishwankathelo					
Inyanga	nguFebruari	12 500			Okufunyenweyo kuphelele
					2 000

Inxene yolungiselelo ithathwe kwiwebhusayithi yaseSARS

4

Umzekelo wencwadi yabalimi yezezho.

Izilungelelanisi zeGPS		Ukukhutshwa/ukusetyenzisa nenjongo yokusebenzisa							limitha ezifundwa emva kokukhutshwa	Umsayino wabaqhubi/onoobumba bokuqala/igama	
limitha ezifundwa phambi kokukhutshwa	Intsalela ekuvalwa ngayo (iilitha)	Umhla	lilitha ezikhutshwayo (Ukuba kukho iilahleko ezenzekileyo bhala apha)	Ukfakwa kwicandelo ngalinye lezithuthi okanye kwinqwelo yedizili kufanele ukuboniswa ngokwahlukanisa			Injongo yokukhutshwa kwayo (xela ukuba kufanelekile okanye akufanelekanga na)			Intsalela yokuvula kunye neerisithi kususwe ekhutshiweyo	
				Uhlobo	Ikhwudi	Ubhaliso	Injongo yokukhutshwa kwayo (xela)	Efanelekileyo	Engafanelekanga		
14 500	2020-02-12	90	Itrektara	JD 1	ABC456FS	Ukuhlakula	Ewe			14 410	Pule
	2020-02-14	200	Inqwelo yedizili	DC 1	DEF789FS	Ukugqithisela erasimini	Ewe			14 210	Jan
	2020-02-16	65	Itrektara	MF 3	GHI192FS	Ukutyala	Ewe			14 145	Morena
	2020-02-22	75	Itrektara	JD 2	JKL348FS	Ukukrazula umhlaba	Ewe			14 070	Piet
	2020-02-22	45	4x4 DC	FD 1	MNO123FS	Iholide		Ewe		14 025	Umlimi
	2020-02-26	102	Itrektara	JD 1	ABC456FS	Ukutyala	Ewe			13 923	Joseph
	2020-02-28	577							Intsalela ekuvalwe ngayo	13 923	Umlimi

nzisa ngokunjalo nencwadi yezezho zokusetyenzisa kwayo mazisoloko zingxalwe ngeenkukacha.

Umzekelo wemeko nganye uboniswe kwi**Theyibhile 3 ukuya** **kwiTheyibhile 4.** Nceda uqwälasele ngokuqaphela izihloko zekholam ukuze ubone ukuba kokuphi okufuneka ngokwasemthe-thweni kanjalo uya kuba nofifi lokuba incwadi yezezho zedizili ifanele ukukhangeleka njani. Ukuba uyafikelela ngemali, thenga oomatshini boqwälaselö bekhompyutha ukwenzela zonke iitanki, iitrektara noomatshini abanokurekhoda zonke ezi nkukacha ngolungiselelo lwezixhobo zamanani acofwayo. Bonke abasebenzisi baneethegi

ezisetyenzisa qho xa kugalelw. Abaphathi banakho ukuqwälaselä konke ukusetyenzisa kwayo naxa bekude kodwa balibambe ixesha ngokulawula ngekhompyutha futhi bakwazi ukufaka iinkukacha ezichaneke kakuhle eSARS.

ELOKUGQIBELA

Ukuba unqwenela ukuba nemfanelo yembuyekezo yedizili, kufuneka ugcine iingxelo ezithembekileyo nezichanekileyo efama futhi zibe kulgiselelo olungafakwa ngokuzithemba eSARS. █

Abalimi noncedo lwemali – ngumhlolo okanye lutshaba?

NJONGO YELI NOAKU KUKUSOMBULULA UMBANDELA WONCEDOLWEMALIWABALIMIKWAYE LIJOLISWE EKUBENI KUTHENI LUYIMFUNEKO UNCEDO LWEMALI KWICANDELO LEZOLIMO NOKUTHI YEYIPHI IMIBA YOXANDUVA LOMLIMI MALUNGA NESICWANGCISO SESHISHINI ESINGAFHLISIYO NESIYINYANISO NGOKWEMIMISELO YOKUTHEMBEKA KWINTLAWULO ZEMALI-MBOLEKO EFUNYENWEYO.

YINTONI UNCEDO LWEMALI KWEZOLIMO?

linkonzo zoncedo lwemali kwezolimo zinikwa ngenjongo yomsebenzi wezolimo, ukuguqu-guqulwa kweemveliso nokuthengisa. limali-mboleko ezinikwayo zisenokuba zezethuba elifutshane, eliphakathi okanye elide kanti zisenokuquka izicwangciso zeeinshorensi zezityalo nezemfuyo. Amaziko abolekisa ngemali yoncedo adinga ukwazi ngokuchanekileyo ukuba ngubani lo amboleka imali nokuthi bayibolekelani. Xa umlimi efaka isicelo soncedo lwemali, luxanduva lwakhe ukunikela ngesicwangciso seshishini esiquikaniselwe ngokwaneleyo esiyichaza ngenyaniso imeko yeshishini ngokunjalo nembonakalo yekamva layo ngokuyichaza njengesindululo seshishini.

Iziko lemal, xa liboleka umlimi imali, enyanisweni liba 'ngumtyali-mali' kwishishini lomlimi. Yinjongo yemfanelo yalo ukufumana imbuyekezo efanelekileyo nethembekileyo kutyalo-mali lwalo (ngokuqokelela inzala ngokwesixa-mali esibolekiweyo). Oku kuthetha ukuba ngumsebenzi wabo ukuqinisekisa ukuba imali yabo isezaandleni leshishini elinesakhono sempumelelo neliqhutywa ngabaphathi abalungileyo. Abatyali-mali ke ngoko baya kwenza uphando ngocoselelo malunga neshishini ukuze bawaqonde amathuba anokufumaneka ngokunjalo bachonge nemiba yobuthathaka enokuba khona.

KUTHENI ABALIMI BEDINGA IIIMALI-MBOLEKO?

Ziliqela izizathu ezalhuka-hlukileyo zokuba abalimi badinge ukufikelela kuncedo lwemali. Phakathi kwazo nazi ezinye:

- **Intengo yeemveliso ezintsha zamalungiselelo** – ziya ngokunyuka iindleko zeemveliso zamalungiselelo okulima kuquka imbewu, izichumiso, iikhemikhali ezonakalisa izityalo, iikhemikhali zokutshabalalisa ukhula kune namafutha okubasela njalo njalo. Ukuba umlimi akanayo imali yokulima isityalo nokuqinisekisa ukuba siza kufumana ezona meko zokuhula zifanelekileyo, mhlawumbi kungabhetele ukuba angabi saqala ukutyalu. lindleko eziphezulu zeemveliso zamalungiselelo zenza ukuba abalimi baxhomekeke kuncedo lwemali malunga neemveliso zamalungiselelo.
- **Intengo yezixhobo zokusebenza** – oku kungenzelwa ukuphucula isakhono somsebenzi wokulima okanye ukusebenza ngendlela encomeka ngakumbi nokwenza ukuba umlimi andise amashishini ahluka-hlukileyo kwilinge lakhe loshishino lokufama.
- **Ukulawula imingcipheko ngendlela encomekayo** – imeko yemali yabalimi yenza ukuba umlimi akwazi ukufaka isityalo sakhe kwi-inshorensi, ngokunjalo imfuyo nezitora kumaxesha omngcipheko ophezulu.
- **Utyalo-mali emhlabeni wefama** – ukuphucula okuthile nokuthile, ukwakha iishedi, ukudrilla imingxuma yokutsala amanzi nokwakha amadama, ukuphucula imihlaba ngokutyalu imali kwiinkqubo zethuba elide zokufaka ikalika nezichumiso, njalo njalo.
- **Ukuphuculwa kwamathuba okuthengisa** – ukuba umlimi ufumana inkaso yemali, uxhobe phucukileyo ukuze angagcina izityalo zakhe aze azithengise akufumana elona thuba ligqibeleleyo linokubakho, kunokwamkela ixabiso elibekwe kummandla wentengiso ngexesha lokuphuma kwestyalo emasimini. Eli lithuba apha amaxabiso ephantsi ngokubanzi

Jenny Mathews, umbhalikiwiPula Imvula. Thumela i-imeyili
apha jennymathews@grainsa.co.za



ngenxa yokwanda kobukho bemveliso. Sekwandile ukubaluleka kwenxaxheba yabalimi bombona kwiintengiso zexesha elizayo. Imeko encomekayo ngokwasemalini iyaxhobisa futhi yenza ukuba kuthengwe ngokunjalo kuthengiswe 'okubekwayo' 'nokufunwayo' kanti oko kuluncedo ekuthengisweni kombona.


IINDLELA AMAZIKO EMALI ANOKUHLOLA NGAZO IZALATHISO ZEMINGCIPHEKO KUSHISHINO LOKUFAMA

Kwamkeleke ngokubanzi ukuba abalimi bafikelele kuncedo lwemali ngezizathu eza-hluka-hlukileyo kanti amashishini oncedo lwemali kwezolimo, iibhanki kune namashishini ezolimo selelungelo ukuqwaliasela izicelo ukuze anikele ngeemali-mboleko kubalimi. Iliqela imiba ebalulekileyo abafanele uku-yiqaphela xa besenza ucwangciselokucela inkxaso-mali. Abatyali-mali abanokufumaneka badinga ukwazi nokuqonda ulwakhwiw olumanyanisiweyo lwemingcipheko yakho njengoko ifumana ifuthe elivela kuwe, imozulu, isakhono sokulima, umngcipheko wentengiso, amaxabiso eemveliso zamalungiselelo kune nezinye iintlobo zotyalo-mali.

- **Umlimi** – yintoni imingcipheko emalunga nomsebenzi womlimi kune neyempilo? Ingaba ishishini lithwele umngcipheko wemali yokuliqalisa? Yeyiphi eminye imingcipheko yeshishini neyerhafu ebalulekileyo? Ubonakala unjani umqukuqelo wekheshi womlimi? Yintoni anayo umlimi anokumisa ngayo kwimali-mboleko?
- **Imozulu** – yeyiphi imingcipheko enokubakho malunga nemithombo yobutyebi bendalo? Yintoni imingcipheko yeentlekele zendalo? Umlimi ulithomala-lisa njani ifuthe lemingcipheko?
- **Inkubo yokulima** – ingaba umlimi uno-lwazi, izakhono zobuchule bobugcisa nezolawulo ezifuneka ekuqhutyweni komsebenzi? Ingaba kukho umngcipheko malunga noomatshini/isakhono esiphathelele kwihekture ezifanele ukulinywa? Ingaba kukho umngcipheko welahleko yemveliso/yesityalo? Ingaba kukho umngcipheko wezifo okanye izidalwa ezonakalisa izityalo? Ingaba kukho umngcipheko wesakhono solawulo/womthombo wabasebenzi?



- **Umngcipheko wamalungiselelo okulima** – ngowuphi umngcipheko okhoyo malunga neemveliso zamalungiselelo oko kukuthi, ubukho, ufilelelo, ukutshintsha-tshintsha kwamaxabiso? Ithini imbali ngembuyekezo yamalungiselelo okulima oko kukuthi, ingaba isivuno sesityalo besilufanele na utyalo-mali obelusenzelwa amalungiselelo okulima? Ingaba imigaqo yomlimi yezolimo ibisemgangathweni ophezulu na? Ingaba umlimi wenze utyalo-mali emhlabeni ngokusebenzisa izichumiso ezilungileyo na? Ingaba ukubeka phambili ukuthenga imbewu eqiniseksiwiyeo ukwenzela izivuno eziphezulu?
- **lntloblo zotyalo-mali** – ingaba kukho nawuphi umngcipheko kwishishi-ni owenzeka ngenxa yokwenziwa kotoyal-mali olubuthathaka? Ingaba umlimi ebethembeke kangakanani ekubuyiseni imali yetyala kwezinye iimali-mboleko? Uliphethe njani umlimi igama lakhe loshishini? Ubonise inkathalo engakanani umlimi kwamanye amaziko emali? Oku kuya kuhlo-lwa ngononophelo. Le nkqubo yaziwa ngokuthi ‘**kukuqhutywa kokuzaphatha ngenkuthalo**’ kwaye kuya kwenza ukuba iziko libone ukuba ingaba utyalo-mali olwenziva ngemali-mboleko lububulumko na.
- **Umngcipheko wentengiso** – ingaba umlimi uyiqonda kakuhle kangakanani na inkqubo yentengiso? Ingaba uyakwazi ukulungisa iikhontrakthi?



Ingaba uayichana na imijelo yokuthengisa? Ingaba uthengisa imveliso esemgangathweni ophezulu na?

INTEMBEKO KWIMIMISELO YEMALI-MBOLEKO

Abalimi abakhe baba nethamsanqa ngokwaneleyo lokufumana inkxaso yemali bakubona kuyinto ephambili kakhulu ngokubanzi ukuthembeka kwinkqubo yemali-mboleko ngokwenza iintlawulo zokubuyisa imali efunekeyo ngokwezikohokelo zamaxesha amiselweyo. Esi senzo siya kusoloko sigcine igama lomntu lilihle ukuze akwazi ukufumana ezinye iimali-mboleko. Xa umlimi engathembekanga kule nkqubo, nangona ixesha lokulima linempumelelo, eso simo sisuka sithandabuzise ingqiqo yomlimi neshishini futhi sibeka ibala elimnyama egameni lakhe.

KODWA XA IZINTO ZINGAQHUBI NGOKWESICWANGCISELO

Ukuba sesichengeni esiphezulu kwecandelo lezolimo kwimincipheko ebuya ngaphandle nekhola ukuba ngaphaya kwemandla omlimi, kufuna ucwangcisel malunga nokupathwa kweentlawulo zokubuyisa iimali-mboleko ezahluka-hlkileyo. **Izithako ezisentloko ngokugqibeleyo kule meko kukungafihli nonxibelelwano.** Yiba soloko ukhumbula ukuba kusemdleni weziko elibolekisa ngemali ukunceda umlimi ukuba akwazi ukulawula uhambo lwakhe nakwixesa lobunzima. Ngale ndlela amaziko emali anakho ukwandisa uzinzo kwicandelo lezolimo kanti ngaxeshanye afumanise indlela yokuqinisekisa ukuba lowo ongahlawuli ngokommiselo ekugqibeleni ubuyiselwa kwisimo sokuhupha iintlawulo zokubuyisa imali-mboleko kwiziko lemali.

Malunga nalowo ungahlawuli ngokommiselo eyona nto ifunekayo kukuuya ngokuhawulezisa kunokuchitha ixesa. Akuloncedo ukusuka umntu abe nomoya wokulwa neziko elibolekisayo. Abakhange babe lutshaba oluphambili ngesiquphe – balishishini kuphela elifanele ukuba nalo lenze imali (kanti ngokboleka imali kubo – ishishini lakho liphotene nesakhono seshishini labo sokufumana inzuzo!). Ukuba uyathula usuke uyeke ukwenza iintlawulo zokubuyisa imali-mboleko, ayehla amanqaku akho okunikwa ityala, kwaye uya kuzibona sowuhlawula imali eyongezwe zizohlwayo, iintlawulo ezisisigxina neenzala ezandayo. Kwelinje icala, ukuba uthetha neziko elikuboleke imali kungenzeka ibe khona indlela yentethelelo yethuba elide kwinkqubo nethemba lokubuyiswa kwesimo somboleki nokwakhwa ngokutsha kwegama elihle lakhe. Ezinye iindlela ezinokukhethwa zingaba zezi:

1. Ukuhlawula emva kwexesha oko bekufanekile.
2. Ukuhlanganisela ityala okanye kubuyelelwu uncedo lwemali.
3. Ukuvuma ukuthengisa okuthile ukuze ukwazi ukwenza iintlawulo zemali-mboleko.
4. Ukuqhagamshelana nombolekisi ukuzama ukuthetha-thethana naye ngendlela yokuhlawula.
5. Zibeke phambili iintlawulo – oku kungafuna isiggibo esinzima malunga nokuthi zeziphi iimali-mboleko ekufuneka zihlawulwe izeziphi ezinokubanjezelwa.
6. Fumana uncedo – funa icebiso-zingxoxo malunga netyala kwicingcaphephe ezinenjongo yokukunceda ukuba ubuyele kwisimo esilungileyo.

Zonke iindlela ekunokukhethwa kuzo ezingasentla zifuna ungaafihli kwaye uthembeke ngemeko okuyo malunga neentlawulo zokubuyiswa kwemali-mboleko. Akukho xesha apho kuvumeleke khona ukusuka ungathembeki malunga neemvumelwano zakho neshishini ube sowufaka imali yentlawulo kwezinye iinkcitho zakho ... uze ukhumbule iLizwi kwiMizekeliso yama-22 ivesi yoku-1: ‘*Igama elilungileyo linokunyulwa ngaphezu kobutyebi obunzi; isimilo esilungileyo silunge ngaphezu kwestivere negolide.* ■

Iqela labahleli

GRAIN SA: BLOEMFONTEIN

46 Louw Wepener Street
1st Floor
Dan Pienaar
Bloemfontein
9301
■ 08600 47246 ■
■ Fax: 051 430 7574 ■ www.grainsa.co.za

UMHLELI OYINTLOKO

Jane McPherson
■ 082 854 7171 ■ e-Ofisini: 012 943 8210
■ jane@grainsa.co.za

UKUMISELWA KWABAHLELI

Liana Stroebel
■ 084 264 1422 ■ e-Ofisini: 012 943 8252
liana@grainsa.co.za

UMAHULELANE KUPAPASHO

INFOWORKS
Johan Smit ■ Ingrid Bailey ■ Marisa Fourie
■ 018 468 2716 ■ johan@infoworks.biz



INkubo yeGrain SA yoPhuhliso IwabaLimi

ABAQUQUELELI BOPHUHLISO

Johan Kriel
Free State (Ladybrand)
■ 079 497 4294 ■ johank@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8283

Jerry Mthombothi

Mpumalanga (Nelspruit)
■ 084 604 0549 ■ jerry@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8289 ■ Smangaliso Zimbili

Jurie Mentz

Mpumalanga/KwaZulu-Natal (Louwsburg)
■ 082 354 5749 ■ jurie@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8218

Graeme Engelbrecht

KwaZulu-Natal (Dundee)
■ 082 650 9315 ■ graeme@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8287 ■ Nkosinathi Mazibuko

Luke Collier

EMpuma-Koloni (Kokstad)
■ 083 730 9408 ■ luke@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8280 ■ Luthando Diko

Liana Stroebel

ENTshona-Koloni (Paarl)
■ 084 264 1422 ■ liana@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8252 ■ Hailey Ehrenreich

Du Toit van der Westhuizen

North West (Lichtenburg)
■ 082 877 6749 ■ dutoit@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8290 ■ Lebo Mogatlanyane

Cwayita Mpotyi

Mthatha
■ 078 187 2752 ■ umthatha@grainsa.co.za
■ e-Ofisini: 012 943 8277

IPULA IMVULA IFUMANEKA NGEELWIMI EZILANDELAYO:

isiXhosa,
IsiNgesi, iSeTswana, iSesotho nesi IsiZulu.

Articles written by independent writers are the views of the writers and not that of Grain SA.

Timeko zeentshiyekela zombona ezinokuthengiswa ngaphandle ngo-2020/2021

NJENGOKO SISAZI IZALATHISI ZOKULINYIWEO ZITYA-LWA KWINDAWO ETHILE NGOKUNJALO NESIVUNO; NANGONA KUNJALO, LE MIBA MIBINI IXHOMEKEKE KWIMOZULU. XA SIQWALASELA AMATHANDABUZO ABANGELWA YIMOZULU KWIMIGQALI-SELO YOKULIMA, ELI NOAKU LIQIKELELA NGOKWENZULULWAZI IIMEKO EZAHLU-KA-HLUKILEYO NGOKUSEBENZISA INDA-WO ELINYIWEO NOMYINGE WESIVUNO NJENGOMDA WESISEKO NGOKWEKOMI-TI YEENGQIKELELO ZEZITYALO (CEC) (ITHEYIBHILE1).

Ikageng Maluleke, Ingcali yezoqoqosho kwinqanaba elisezantsi, eGrain SA. Thumela i-meyili alpha ikageng@grainsa.co.za



ekela ezinokuthengiswa ngaphandle eziboniswe kuhlalutyo olunobuntununtunu ziluhlaza xa zinganeno malunga nexesha lonyaka zize zibe bomvu xa itoni zingaphezu kwezigidi ezi-1,5. Ngaphandle kweentshiyekela ezinokuthengiswa ngaphandle, iiseli zibonisa njengezibomvu ngomkrwelo.

Xa usiya ngasekunene kwimigqaliselo yeCEC, ukuba indawo elinyiweyo iphambuka nge +5%, +10% okanye nge +15% ngaphezu kwemigqaliselo ngokomyinge wesivuno seeton ezi-4,86 ngehektare, oku kungasishiya nentshiyekela enokuthengiswa ngaphandle ephakathi kwe-1 618 488 ne-2 842 868 yetoni. Ngenxa yeemeko zangoku zemozulu, oku kungenzeka. Xa usiya ngasekhohlo kwemigqaliselo yeCEC, xa indawo elinyiweyo iphambuka nge -5%, -10% okanye nge -15% nganeno kunemigqaliselo ngokomyinge weetoni ezi-4,86 ngehektare, intshiyekela inokuba ziiton ezi-394 108 kuphela xa ukuphambuka kuyi 5%, nangona kungekho zintshiyekela ezinokulindeleka kwiziphambuko ze -10% ne -15%. Kwangako ukuphambuka kwezo hectare kodwa ngesivuno esinganelo, akukho zintshiyekela ezilindelekileyo nakancinane.

Njengoko sesifumanisile, intengiso nentengo yemveliso, kulo mzekelo ngumbona onefuthe elingqalileyo emaxabisweni. Ngentshiyekela enokuthengiswa ngaphandle engaphezu kweetoni ezipigidi ezi-1,5, amaxabisoaya kuba kwinqanaba lerhafu lokuthengisa ngaphandle (nganeno); oku kungenxa yentshiyekela yemveliso. Xa intshiyekela inganeno kwiiton ezipigidi ezi-1,5, amaxabisoaya kuba kwinqanaba lerhafu lokuthengisa ngaphandle (ngaphezulu); oku kungenxa yonqongophalo lwemveliso. Phantsi kweemeko zangoku zemozulu, imveliso kulindeleka kakhulu ukuba iqhubo ngokwemigqaliselo yeCEC okanye ithi kratya kancinane, kanti oko kungakhokelela kuxinzelelo lwamaxabiso. ■

1 Amanani omda osisiseko entengiso nentengo.

Umbona uPhelele

Imigqaliselo yeCEC yokutyalwayo ngehektare)	2 519 300
Isivuno esingumyinge (iiton/ngehektare)	4,86
Impahla eyintsalela egcinwayo ngo-2019/2020 (ngetoni)	1 700 000
Isixa esisetenziswa kweli	11 500 000
Impahla esendleleni (± 1,5 iinyanga) (ngetoni)	1 437 500

Umthombo weenkukacha: yiGrain SA, iSAGIS, iS&DEC, iCEC

Ngaphaya koko, iTheyibhile 1 ibonisa ukuse-tyenziswa kweetoni ezipigidi ezi-11,5 ngo-2019/2020, malunga nokwanda okungange-20% xa kuthelekiwa nomyinge wamaxeshwa amathathu angaphambili eetoni ezipigidi ezi-10,1. Indawo ekujongwe ukuba iza kulinywa seyande malunga ne-10% xa kuthelekiwa nexesha lonyaka elidululileyo.

iTheyibhile 2 ibonisa ukuba indawo elinywa umbona eqikelelwya yiCEC kwiihektare ezingama-2 519 300 (umgca oxananazileyo), nonomyinge wesivuno se-4,86 iiton/ngehektare (umgca owehlayo), noza kunika ngokufaneleki-leyo intshiyekela yeetoni ezi-1 006 298. lintshi-

2 Uhlalutyo lobuntununtunu bombona beentshiyekela ezinokusetyenziswa ngokweemeko ezahluka-hlukileyo zokulima nokuvuna ngonyaka wentengiso wama-2020/2021.

Yield (t/ha)	Area planted (ha)						
	< 1 500 000 ton		1 500 000 - 2 500 000 ton		2 500 000 - 3 500 000 ton		> 3 500 000 ton
	%	CEC Intensity	%	CEC Intensity	%	CEC Intensity	%
No surprises	2 141 405	2 287 370	2 393 335	2 519 300	2 645 265	2 771 230	2 897 195
3,36	-4 042 379	-3 619 137	-3 395 894	-2 772 662	-2 349 410	-1 926 167	-1 562 925
3,86	-2 971 677	-2 465 492	-1 999 227	-1 513 002	-1 026 773	-640 652	-54 327
4,36	-1 900 974	-1 351 767	-802 649	-253 352	255 855	845 063	1 394 270
4,86	-830 272	-218 082	394 108	1 006 298	1 618 488	2 230 678	2 842 868
5,36	240 431	915 603	1 590 776	2 265 948	2 941 120	3 616 293	4 291 465
5,86	1 311 133	2 049 288	2 787 443	3 525 598	4 283 753	5 001 908	5 740 063
6,36	2 381 836	3 182 973	3 984 111	4 785 248	5 586 385	6 387 523	7 188 660
6,86	3 452 538	4 316 658	5 180 778	6 044 898	6 909 018	7 773 138	8 637 258

Umthombo weenkukacha: yiGrain SA, iSAGIS, iS&DEC, iCEC

MADE POSSIBLE BY
THE MAIZE TRUST

